

33

~~26/1/38~~

K11/28

Amasiko aba Thembu

s. 84

ngu

H. D. Mancotywa

Ross Mission

Umtata, Tembuland.

Njengoko efunwa

yi

Government Ethnologist.

P. O. Box 384.

Pretoria.

Indexed ✓ 3/3/39.

etc

s 84 Intshayelelo.

La masiko aba Thombu endibala nga-
wo ndwagokelele ezinkwem Zam
nalamadoda -

u Joja Maso, okhaya lase Nese, Untata. U
malunga neminyaka engamafumi ama-
thandathu anesime. no Ulu infazwe ka
Hope (War of Hope 1880) yafika xa eyinkwemkwan
(atfho alinganise ngamakwemkwan aminyaka
isesibozweni). Uliqaba ngoko undichubele
amasiko asawalandelayo. Ndiyazi phofo
ukuba seyewaxuba naye namasiko avela
emlungwini nakuba nbo. Ndizanike
ke ukwakhela amasiko avela kintsha nji
ngokuthele kisa nenkazo endandiyifu-
wana kubawo obube ngo October 1937. Waye-
zelwe ngamaqaba wakhula eliqaba de
waba yindoda. Ngoko inkcazo zakhe
ngamasiko ase ba Thenjini zazisuka
ekwazini - ngokuwenza ngaphozi kokuva.

Ndince dwe ke nangoo Jeremiah no
Johnson Mancotywa abaminyaka imafu-
mi mahlanu anesibozo, mafumi mahlanu
anesithandathu ngokuzana kwabo. Bakhu-
lele eba Thenjini kuse mnyama, abantu
bengekagqoboki, andisonenga sizathu
sokuba inkcazo yabo ndingayikholelwa.

Amasiko amalunga namakhwenkwe
nokwaluka, njalo-njalo nam ngokwam
ndiqqithe kuwo njengo ~~no~~ m-Thombu
ngoko inkcazo zabo zicacise izinto
ebesendizazi kakade.

Ndiyema, mna,

(Mr) H.D. Mancotywa

Ross Mission

— Amasiko Aba-Thembu. —

s. 84

Ukuzeka no Kwendisa

Eli lisiko lunge kuba apho kuzekwa-ya ngumfana, intombi ke yona iyenda. Aba kulo soka bayazeka, aaba kulo intombi bayendisa.

Umfana, kudala, ubedla ngokuzekela nguyise, nokuba umfana uyayazi nokuba akayazi, intombi ethandwe nguyise. Isiko belisithi umfazi ngokayise umntu okhuphe inkomo. Umnye u-womfazi ~~at~~ ube engena kumgqotha ~~at~~ umfazi ngaphandle kwemvume kayise. Uyise namawabo babe yinkundla amakamangale kuyo. Umfazi nokuba yindoda yakhe ezingxabanweni zabo.

Ukuba nguyise wesoka ethandle intombi ka Nantsi ubethumela abathunywa apho ku Nantsi, akafike bathi bathunywe ngu Somfana ukuba bazokumcelela ukuzalwa ngu Nantsi lowo ngonyana wakhe. Ukuba ke u Sontombi akakholwa ngumzi nokuba lisoka elo lika Somfana, uye alandule athi akanantombi, esitho nokuba iyaziwa ukuba ikho nokuba ibe iseli tyunjiwe ngu Somfana, Ukuthi kwakhe akanantombi kuyaziwa ukuba kuthetha ukuthi uyamala u Sontombi. Ukuba uyakholwa ukumendisela umntwana wakhe kwelesoka uye athi makunyanyiswe. Abathunywa ~~ka~~ Somfana ekuthiwa ngonozakuzaku baye bakhuphe

1. 84 ngomlomo inkomo ibenye mhlawumbi
zibe mbini njalo. Sakukhuthwa ke
isinyaniso u Sontombi nye athi
"ndryeza" ilizwi ke elo elithi u
Somfana makalindele ukufika
ko duli.

Maxa wambi iba ngu Sontombi
onqwenela ukwendisela intombi yakhe
kumfo onesoka (u Somfana). Usuke ke
athume owakhe u nozoku-zaku ofika
athi uthunywa ngu Sontombi ukuba
ezise umkhonto. (Ngezimini ayisengo-
mkhonto nyani; sekusisiwa i-pontu).
Ukuba u Somfana uyakholwa ngu
Sontombi nayintombi yakhe ukuba nga-
ba wayekhe wayibona nyawamkela
umkhonto. Ukuba akakholwa akawa.
mkeli. Nyalandula athi akananyana
wokwelamana ngaye no Sontombi.

Wakwamkelwa ke umkhonto u-Sontombi
usa uduli.

u Duli — Ngalo lonke elixesha
kwenziwa ezi zigalo zokwendiselana
intombi ayazi nto konke. Izonwabele
nje. Donina bona kudala balalisa
ukwenza impahla yokwendisa enye
ngezithebe, iinkuko, iintluzo nemitsha-
yelo.

Mhla bundulukayo u duli; intombazana
iyalelwa ukuba ^{ingembi} ~~amke~~ iye kwezinye
uintombi nje ngesiqhelo. Ihlaliswa
ekhaya. Kunyashelwa ~~ku~~ igufa nokuba
yibokhwe, umnqamo wentombazana.
Kunzulwa amadoda namantanzana

s. 84 azakuya kwendisa. Amankazana aza ndede ezimbini. Kukho la azintombi esezendle abizwa ke ngokuthiwa nga madikazi. Kukho la azintombi ezingekendi ekuthiwa ke zintombi. Amadikazi umsebenzi wawo kukupheka nokulungiselela intombi ezi. Intombi zihambela ukuya kuquma leyo yendayo. Zifike nazo zigungxe zibingq izikhaka ezide njengayo; Ziceze nazo enkundleni njengayo. Ka ubona udulu awunakumahlula oyena ungumthakazi ngaphandle kokuba uqwalasele ukuba ubone onxibe izikhaka ezitsha. Amantombazana wona abokelwa izikhaka yena umthakazi wenzelwa ezitsha. Yonke into yakhe iba ntsha.

Kwakuba kuyqitiwe ukutyiwa umnchamo intombazana ayakwendiswa iyabizwa ingemawo eidlwini, Amadoda amakhulu asekhaya apha ayayiyala. Ayayiselela ukuba ayakuyendisa. Ayayiselela ukuba aliqali ngayo eli siko, ikho nje nonina weza ngoluhlobo isiwa ngalo emzini. Ize iba khonzele, ilulame usebenze ibe nokubele. Amadoda lawo ayichazela zonke iindlela eyakuthi ngazo ulwendo lwayo luphumelele.

Emveni kokuyalwa iyaghutya. Ithi ukuba iyala inyanzelwe nga maqunya eentonga. Akukhathaleki nokuba iyakwendise lwa esilimeni

s. 84 mhlawumbi exhegwene elingaphambi
li nakuyise kufuneka ilulame,
ihambe, iyokwenda ukuba iyintombi
enesimilo sokuhlouela abazali.
Loonto igqitywe ngabazali ngumthe-
tho kuyo.

U Duli luhambela ukuze lufike
ngoyatya. Lufike luhlale entla-komzi
lumane lukhohlala ukuvakalisa uku-
ba kukho abantu. U Somfana
uthuma abantu bokubaza ukuba
bangabantu baphina beyaphria. Baye
bathi ukuphendula bavela ekuthini
besinga ekuthini, batfho bebala
indawo ezikude. Baye ke bathi bacela
indawo yokulalisa.

bathi besakwungelwa bacele ne-
ndawo yokuxhelela umphako wabo
ukuba ngaba bebeqhuba impothulo.
Ekuseni babuka bayixhele bathi
bakuba beyihlinzile bafiyi isiqi
ngatha sakenkomo ebuhlanti sigqu-
nywe ngesikhumba. Esisiqingatha
licala eliphwa ikhaya apha
zindwendwe kuloo mphako wazo.

Ukuba ayizanga intombi iqhuba
impothulo nye umntu wakulo
soka ekusuku athabathe isimba
lobulongwe alibeke emnyango we-
ndu yo duli. Akulibona amankaza-
na namantombazana akanandlela
yokubuya aphume. Awaletwe e-
tolongweni. Usuka kwa-oko umntu
oyindoda wase ludulini aphindele

s. 84 ekhaya ayokuphuthuma inkomo ye
mpothulo. Kodwa ke ingabizwa
ngudomfana lenkomo yempothulo
uthetha ukuthi sele kutungele
ukulobola inani elakumanelisa
u Sontombi.

Emva kwexefa uduli lukho, ku-
fika imini yokuba lubonwe. Ziya
ngandwa inkomo zebe lapha. Luya-
phuma lukhokelwa yindoda ihombile
ifake iintsimbi zayo, Amantombazana
ambethe iingubo azigqumile. A fika
enkundleni aguqe ngamadolo.

Ayatyhilwa umzimba wangasentla
kume ngam ngezantsi kwamabele.
Uvela lomzimba uqatywe umdiki
uhonjiswe ngeentsimbi. Bakuba ba-
nele ukwabona kumizimba yanga-
sentla ayaphakama amantombazana
ayisingele umva inkundla. Kutylhi-
lwa ke ngoku izitho babonwe zona.
Bakugqiba ke baphindela endlwini.

Ngoku amadoda aseludulini
elathiswa inkabi yenkomo yokubo
nwa koduli. Bayayibamba bayixhe-
le ngomkhonto wabo. Ngezimini
abantu bangasaphathi mikhonto
bakhupha imali (5/-) yokuhlawule-
la lowo bawubolekwayo wasekhaya
apha. Bathi bakugqiba ukuhlenga
bafiyi esiqingana! isiqingatha sale
nkomo esikhumbeni. Esi seso-
mkhaya. Enye bayithwabela elu-
dulini. Kuxhelelwa umfazi. Kwaku

s. 84 ba kwenjiwenje isiko lomthato
 lifezekile. Umfazi ongaguganga
 ongashekelwanga akalhatanga.
 Ezinkundleni abantwana Bakhe
 bayagqwetywa kumatyala amafa
 njengabantwana abangengabo ko-
 mthato.

Imveni kokuba udulu lubonwe
 kwaze kwaxhelwa kuba ziziyunguma
 kududwa, kusonwatywa.

U Lobola. - Imva komthato udulu
 luthumela amadoda ayokuhlanguka
 no-Sompama othi naye abize amawa-
 bo ukuba athethe nalo madoda aselw-
 duleni. Kuhlaliwa ngasebuhlanti
 kuxoxwe ngekhazi. U Sompama uyalo-
 bola ngangoko enako. Ikhazi alina-
 nani limisiweyo into ekuthethwa
 yona bubulawa oko kukuthi kukwe-
 lamana, kungenzelwana kumene-
 mene. U Sompama ebe lobola nange
 ukomo ezisezindaweni kanti nyani
 zoze ziphuthunywe zilotyolwe. Kodwa
 ngezimini abantu banusele emaginge-
 ni ngangokuba liyalahlwa elisi-
 ko lokulobolisa. Namhlanje kugale
 kulotyolwe ikhazi elanelisayo
 phambi kokuba intombazana uyise
 ayiqhuba ayokuyendisa. Badiniwa
 ngabantu abalobola ngeenkomo
 ezingasozе zibe kho.

Ukuthelaka. - Eli ligunya elisetye-
 nziswayo ukunyangela isoka elingq-
 loboliyo ukuba lilobole. Uthu

umfazi xa ahambela kowabo athi
 s. 84 uyise nokuba ngubani lowo une
 gunya lokulobolisa, "Ndiyukutheleka."
 Imveni kwelozwe akaphindi abuyele
 emzini wakhe de umyeni wakhe
 azilobole ezinto zifunwayo. ^{Umfazi} Uyatha-
 nda naye ukulotyolwa kubu lowo
 mntu utye ikhazi lakhe kufuneka
 amphe izinto azukuba ezo kuzicela.
 Ukhaya lentombazana. Abanye
 abazali bathi ukulungiselela iintombi
 zakhe banke abantw inkomo
 ekhazim ^{lazo} besithi, "Ndiyakufaka."
 Lo onto ithetha ukuba xa intombi
 ibuyele emzini wayo yaze yaza
 kuye kufuneka ayiphe izinto zokuba
 iphindele emzini wayo inazo. Kuthi
 wa ^{umyeni ofakiweyo} akazabuntw ukuba ngaba
 imka slambatha kuye. Ngoko bonke
 abantw abafakiweyo abaneli kukhu-
 pha umpahla zokwendisa ^{kuphela} bamini
 yak zakwenda intombazana, bamane
 beyipha isakubuya kodwa bona
 kengenalungelo lakulobolisa njengo
 yise wentombazana. Nabantwana
 balentombazana banebango lokucela
 baphiwe ngabantw abatye ikhazi
 likanina.

U Thwalo no Iscago. — Lamasiko
 omabini ayelelene. Azizono kunokw-
 ba abe angamasiko. Kodwa ke zithi
 zakwenzwa ezizono zisukelwe zokhwan-
 ywe ngesiko.

U. Iscago lwahluka ku Thwalo

s. 8H ngalendawo yokuba ugcageo lwenziwa
ngemvume yentombi xa lona
uthwalo lwenziwa ingavumi.

Ngamanye amaxesha umthwali
uthwala ngemvume xa ka Sontombi.
Uthi u Sontombi ~~aye~~ ^{ukuzo} athi mayithwala
lwe abe uyagonda ukuba akaka-
lungeli kusa ludulu. Uthi, ke,
mabayethathe kuba uduli lona
luyeswa nokuba intombazana
ibiselinexesha isenzini apho.

Ugcageo ludla ngokubakho xa
intombazana isendiswa, isendiselwa
kumntu engamfunayo kubekukho
umfana oyithandayo efuna ukuyi-
zeka. Uye ke, ^{umfana} kuba uyazi ukuba
akakuyizuzi ngemvume ka Sontombi,
abaleke nayo. Ayokuyifihla kude
apho ingayi kufunyanwa ngaba kowayo
kuthiwa ke uyigcageile.

Xa intombazana ithwalwa iphathwa
kakubi kuba ayivumi. Dyabethwa
ngeentonga nangezabokhwe.

Nokuba, ke, ithwelwe nokuba ugcagei-
we kuye kuyokuxelwa kulo ntombi
ukuba makungafunwa intombazana
ikubo. U Sontombi uthuma oonozu-
ku-zaku bokusa ityala.

U Somfana uye athethe lamazwi,
"Ndiyazeka, ngenani endlwini."
Ukutsho, ke, uthi mabangathethi bemi
ngenyawo besisa ityala komkhulu
mabar-gene endlwini kuthethwe
ubulawu. Baye ^{babize} bafanane inkomo

s. 84 yo Thwalo kungenjalo u gcagco phambi kokuba kubethwe eyokwe-ndaselana. Yakuba ikhutshwe, ukuba kuyeviwana u Sontombi uyayiboleka intombazana esithi uyakuyizisa ngokwakhe, ethelha ukuthi uzakuyendisa ngoduli ngokwesiko.

Ukuba akuviwana iyahluthwa intombazana adliwe u somfana ngo thwalo mhlawumbi ugcagco.

Uku Conizisa— Umfazi, eba-Ihenjini kufuneka angawabizi amagama ayelele kwawoo ~~yase~~ yisezala nooyise booyisezala. Uyawahlontpha lamagama namagama anezandi eziyelele kumagama awahlontphayo kufuneka engawabizanga. Wenza awakhe endaweni yawo. Uko mzekelo, ukuba ngaba igama elihlonitshwayo ngu biko, isiciko sembriza kufuneka abafazi basihlontphe bathi, mhlawumbi, isidakiso mhlawumbi isisibekelo.

Ukuba ke umfazi ubize igama elihlonitshwayo waze wathi omnye umntu "Ubiza uyihlo xa utshoyo." kuthiwa ke uconizisiwe. Isiko lelokuba, ke, bonke abafazi abakudidi lwakhe, oko kukuthi abafazi babantakwabo bendoda yakhe, bahambe bayekwamawabo. Naye uyakwelakhe ikowabo. Bayakuphuthuma intlawulo yegama elo liconizisiweyo. Ngezimuni eba yemali, i poru kulowo

s. 84 unguyena uconizisiweyo. Abanye abo bamkhaphayo beza namafumu efeleni nangaphantsi koko, kuya ngokuzuya kwabo. Akusazeki ukuba phambi kokuba imali ebekho bekuhlawulwa nganina. Kodwa kucacile ukuba ibe iingyonto isetyenziswayo ngenxa yendleko zayo.

Lemali ke ipike ngalelwe kuloo ~~monti~~ mnti ubethe lakubizwa ngama, "Maconini." mhlawumbi amanye amazwe okuconizisi. Kufuneka ke umconizisi abaxhelele akafazi abo.

Uconiziso luhamba ngeendlela. Ukuba kuconiziswe umolokazana unina akaconiziswanga ngoko akahambi, ngokukwanjalo ukuba kuconiziswe unina umolokazana akaconiziswanga ngoko akahambi xa kumka ~~umolokazi~~ ^{umntsi}.

Ngangokuba isoyikwa into yokubiza abantwana abahlontshwayo uthi umfazi nokuba uyedwa akuphazamise la kuloo nto athi "pu" etf etfica loo nto imbi ayenzileyo. Akafazi baba Thembu banenkolo yokuba ukuba umntu ukiza anagama amakawahlontshwe uyakuphuma inqayi.

Uku-Phinda Indlela. - Umfazi uhlala emzini wakhe ixefa elithile aze aphinde indlela. Ukuphinda indlela kub. xa kowabo okokugala emva kokuba elthatile. ukhatshwa yentombazana yomzi wakhe.

s. 8A

aze ngokwesiko anikwe iintsuku ezinge-
gqithanga ecaweni ukuba kukufuphi,
zengagqithi kucawe ezimbini xa kukude.
Uthi esakufika kowabo axhelelwe ngu-
se kuba embuka waye ehamba non-
ntwana wase nini.

Mhla agodukayo unikwa enye impahla
yokwenda enje ngeenkuko, izithebe njalo-
njalo. Le ntombazana, ahamba nayo, iphi-
wa izinto ezizi zinxibo zamantombazana

Ngezimini zamahla umfazi xa
evela kuphinda-indlela ukhathlwa
ngabafazi bakowabo kuthwelewe utywala
kuqhutywa nenkabi ye gufa eyakuxhelwa
akufika emzini wakhe. Kuthiwa ukubizwa
kwalento lugadala. Uyise wesoka kufu-
neka athi lusakufika olundwendwe
aluxhelele kube ke ngoko kwenziwa
isidlo esinenyama notywala. Elisiko
logadala lutfha eba 'Thenjini' livele
kuba mbo.

Amasiko ase Ndlwini -

1. Umfazi akayi kucala lika Yise
konke, akanya theli entundleni yomzi
kayise, engangeni nasebukhantini.
2. Ise lwa lika Yise akaliphathi
konke.
3. Umfazi akahambi ngentloko phambi
koyise nabanye abantu abakloniphileyo.
4. Konke umntu oyinkazana xa sele ngu-
mntu olandela ixefa (menstruation)
akazitsibi impahla zamadoda, iintonga
izikhali neempahla zokulima nje nge
dyokhwe namakhonkeo.

5. Xa umntu oyentazana ase ~~xe~~ ni
 s. 81+ akufuneki abutye ubisi namasi
 kungafuneki angene nasebulanti.
 Kuthiwa ~~to~~ ukuba uzenzile ezizinto
 impahla iyakuba buthathaka ife.
6. Uthuthu alubuthwa luggitywe eziko
 kuthiwa impahla ingaphela xa
 lutshayelwe lwonke.
7. Amanzi akaposa ngqo emnyango
 xa echithwa ~~to~~ kuba ukuba kwenjiwe.
 njalo nombane nyakwenjalo uku-
 ngena endwini. Kufuneka umntu
 athi xa ewachitha amanzi awaphose
 ecaleni endwini.
8. Abantu abangamankazana akufuneki
 batye bemile kungenjalo kubekho umntu
 omileyo phezu kwabo xa behleli. Wova
 umntu engxola esithi - "musa ukundi-
 mela." Kuthiwa ukuba batya bemile
 bakuthi xa beheleka ~~ba~~ bamelwe.

Ukuzalwa ko mntwana - Uthi umfazi
 akumthi kufuneki asele into ekuthiwa
 sisicakathi. Senzwa ^{to} ngokufaka
 enkonkxeni ingcamla yomkhanzi kuze
 kugalelwe amanzi. Umane ke esiphuzi
 esisicakathi mihla yonke ngakumbi
 ukuvuka kwakhe. Esisicakathi nyasifihla
 singabonwa bantu. Kuthiwa, akuthi
 umntwana avela efana nomntu kakulu
 ongenzuye uyise nonina, komntu makabe
 wakjoba soot isicakathi somdlezana.
 Zakuhamba iinyanga kufuneka
 wesi sikhukukhwe. Umfazi uya kwichu-
 ke lokukhukhla elakimkhukhla lisi-

mise isisu ngendlela eyakwenza ukuba
s. 84 abeleke lula.

Umfazi ke akubeleka ulugaba usana
umthi ekuthiwa ngu-mthombothi. Lo mthi
unevumba elikhulu. Lo mthi umsebenzi
wawo kukunqunqa emzimbeni nasebusweni
uboya. Kuthiwa ukuba akagatyanga
umthombothi unokuba khonti.

Akunomele kele ukuba umntu oyindoda
angene kwa mdlezana. Ithathwa nji
ngehlazo into yokuthi indoda ingene
kwa mdlezana. Kodwa xa umfazi e-
xatyelwe amadoda ayangena ukuya-
ma ukumkhuphela.

Ngangokuba usiko lokuhlomphe
lisegazini ku-mthombothi uthi nokuba
umfazi ubeleka nzima kuthi, ukuba
kukhe kwabizwa uyisezala wangena,
ukothuka kwakhe ukubonwa nguye
engathwalanga, ngoko ke ehangaze, ~~at~~
kubenze ukuba abeleke ngoko nangoko.

Ngoko iyasetyenziswa into yokuthi
xa umfazi engabeleki msinya kubi-
zwe umntu amhlompheyo ayo kungeni.

Ezinye izinto ezisetyenziswayo xa
umfazi emelwe izinto ezikhuphisayo
ezinye ngesixhaxha, iqanda eliluhlaza
(abafazi abakithi iqanda ngoko bayalce-
kisa). Mthi umzomba ngokuzama
ukutyhunduza ezizinto ungazi funiyo
ube namandla okutyhunduza usana
ngezantsi. Usana lusezwa isiblambezo.

Imveni kwe xefa umntwana ezelwe
uyagatywa. Ku xhelwa inkomo nokuba ye-

bokhwe.

s. 84 Mkwaluka — Elisiko lilungisebelwa yi nkwenkwe yom-Thembu kwa iselula. Ya imalunga neminyaka elifumi elinesibini ubudala iyaphondla. Ukuphondla kukuhlutyulwa kwabanyama kuthiwa lijwabi ukuba ikhululeke ukuze xa aluswayo ibe nokusikwo iyodwa. Kububhangu ukuphondla ngoko inkwenkwanaphondlwa ngamandla yendala kunayo.

Emveni kokuphondla kufuneka iqhawule umthungo. Umthungo uqhawulwa ngokutyunyuzelwa kwembovane eze ze nkulu kulonyama ibanga ukuba umthondo ungoluki lisakubuyiswa umva ijwabi. Lamanzi embovane ayutshoisho zela agungule ukuze londawo agalelwe kuyo idlavuke. Yiyo loo nto ^{kuphawulwa} ~~kuphondlwa~~ ngawo. Okokuba umthungo awuqhawulwa yi mbovane uqhawulwa ngomthi omanzi alumayo ekuthiwa lityholo kungenjalo umthungo uyagqojozwa ngeliva lomnga kuqinelwe iyabatha zenkomo. Ukuba kwenjwe njalo awuna kungaqhawuki. Kuthiwa ukuba inkwenkwe ayiphondlanga omhlawumbi ayiwuqhawulanga umthungo ayaluseki kakuble. Isinyenye (isilonda somkhonto ke eso) siba sikhulu singathi nto, siyqebule.

Inkwenkwe akufuneki ichame eluthuthwini, kungafuneki nokuba yenze amanyala kuba mhla yaluka ayikuphola. Ithi inkwenkwe ukuba ayipholi.

xa yalukile ibethwe kuthiwe may ixela
s. 84 lamanyala yayiwenza ukuze iphole. Uku-
xela amanyala umntu awenzileyo kuthiwa
kukubula.

Laku fika ixefa lokuba yaluke inkwenkwe
yom. Thembu idibana namanye akwa funa
ukwaluka ayokucela ukwaluka komkhulu.

Ayenza lento sele fumene umume yokwa-
luka emakhayeni awo. Komkhulu anikwa
umsebenzi amakawenze phambi kokuba
avunyelwe

Akuba avunyelwe ukuba aluke aqala
ke embe isityalo ekuthiwa yi swadi
esimagaga athi esakoma axobuke ama-
phe cephecana afana namaphepha atha-
mbileyo. Ngelixefa amakhwenkwe omisa
ezi swadi aziziyalaxume. Akafuni
nto isondela kundawo aneke kuzo
iimpahla zawo. Ayabetha kubo bonke
abasondelayo ngakumbi akafazi. Alu-
mkele amagqwira afana ukuzithakatha
iimpahla zabo.

Amakhwenkwe enziwa iingubo zee-
mfefe zegufa. Athu xa selisondele ixefa
lokwaluka azambathe ezingubo zegufa
endaweni yezi azambathayo zase Mlungwa
ni.

Umhla wokwaluka uyafika. Yileyo
inkwenkwe iyachetywa intloko ngegesi
ebukhali ingeniswe ebuhlanti kowayo.
kuyaxhela umuchamo wayo.

Kwakusasa amadoda avuke aqxumeke
ezinti qelele nemizo enza uphahla
lwenqungwala elizakuba lisuthu la-

lamakhwenkwe. Abafazi bona bawuke
s. 84 bayakupha incha. Kupheka ezizinto
zenziwe ngaloo mini aluka ngayo
amakhwenkwe ukuze amagqirisa anga-
binathuba lokuwuthakatha ~~lona~~ loo-
msebenzi. Athu amadoda akugqiba
ukulwenza uphahla lwe suthu aba-
fazi balifulule.

Uthi usakugqitywa ukutyiwa umnchamo
kumzi ngamnye amakhwenkwe aqhutyelwe
kulo mnini suthu Isuthu liba lele-
nkwenkwe ~~ok~~ eyise umkhulu kwabo.
bantw balusileyo.

Emalanga amakhwenkwe ayaqhutywa
ayokuhlamba kumanzi akufuphi nesuthu.
Elo lawo. Inchibi yokwalusa iba seli-
hleli apho. Ayiyi emakhayeni ama-
khwenkwe de ibe ifezile ukwalusa. Ithi
ke, emva kokwalusa iye kutya mincha-
mo leyo yamakhwenkwe, ifumane
ne batala (umvuzo) yokwalusa. Ngezimi-
ni yimalu eqalela ku Jelen enye
nye ku Jelen ezimbini ezine sikisiponi,
inkwenkwe nganye.

Akugqiba ukuhlamba amakhwenkwe
adweliswa kwakufuphi nomlambo lowo.
Kugqala inkwenkwe ekuthiwa lisekela.
kuze ngomnini suthu kulandele ama-
nye ngokobukhulu bawo kuyokugqibela
kwanaba ngenamawonga. Isekela
lingulwa kumakhwenkwe angababu-
si babonzi isithu lilelawo. Inchibi
yalusa ngomkhonto wayo ololwe yayo.
Iqala ngesekela shambe iyokuphuma

s. 84 ekugqibeleni koluhlu Isabela lamke
 lenzelwa ukuba lamkele uluhluwa
 lomkhonto (oko kukuthi uburabaxa noluhlu
 lokulolwa komkhonto nto ke leyo eqqa-
 mba kunene). Umvuzo wesekele kukufu-
 mana inkomo kuyise womnini suthu.
 Inkwenkwe yonzi ngamnye, kungenjalo
 ad amakhwenkwe onzi ngamnye aba ne-
 khankatha lawo. Njengokuba inchibi
 esalusa ithi yakugqibisa inkwenkwe
 ithi kuyo: "yithi ndiyindoda". Inkwe-
 nkwe nganye kufuneka ifho ngowayo
 umlomo ukuthi iyindoda.

Iqgiba nje ukwalusa inchibi ikhanka-
 tha liyangenana liyibophe nge swadi
 netye ba elenziwe ngethwathwa lebhwe.
 Inkwenkwe nganye iyazigcinela esandleni
 ijwabi layo akugqiba ukubotshwa
 ayaphakama aze egobile, ezigqele iingubo
 ngaphantsi ukuze kungabikho gaso
 lawo liphalala emhlabeni, ahambe
 ekroze kwangohlobo ebehleli ngalo, ukw-
 ya esuthwini. Njengokuba ehamba
 ahambe echwetha izibi ngeentonga
 ukulumkela amabekele. Kwangoku,
 ahamba iintloko ezigqubuthela. Eliciko
 lokugqubuthela kufuneka alenze naxa
 sele phile xa aza kudlula ebafazi-
 ni. Abafazi kuwo ngoku zizigqwalithi.
 Kuthiwa wona ngabakhwetha. Esuthwi-
 ni abakhwetha bahlala kwangoluhlu
 lokwaluka kwabo.

Akuvumelekanga mintu uyinkazana
 ukuba asondele esuthwini labakhwe-

s. 84 kha. Abesa ukutya bema ngama bakhwa
ze de babonwe, kuye ikhankatha, liyo
kuthatha okokutya.

Amakhankatha ngexefa akhankathayo
akuwumelekile ukuba adibane nama
nkazana konke. Kuthiwa ukuba awabo-
phe ngomlaza amakhwenkwe akayikuphi-
la.

Amakhwenkwe aqeqeswa gadalala
ngamasiko obukhwetha. Kukho amagama
amaka wakize ngokwabakhwetha anjengo-
"kopha" athu kuku "cobela" isilonda som-
khonto athi "sisinyenye" njalo-njalo.

Ayagadwa indlela alala ngayo ukuze
angazi butiyazi asithunike ngoko isinye-
nye. Izizinto zinyanzelwa ngozwazi
ukuba umkhwetha uphikele ukuzenza
oko kukuthi ukwaphula imithetho
ayimise lweyo likhankatha.

~~Ngex~~ Ngosuku lokungala abotfhlwa nge-
swadi njalo ubusuku bonke. Ayitfhlwa
futhi ngangokuba akukho thuba lokuba
angalala. Kusuku lwesibini abotfhlwa
ngamaqqabi esityalo ekuthiwa sisichwe.
Amagqabi esisityalo anoboya ngaphantsi
leloo cala linoboya eloyanjiswa
esinyenyeni ukuze limane lifunxa
amanzi nobubovu besinyenye ekuthiwa
ukubizwa kwaloo ^{manzi nobubovu} ~~nto~~ kubugqutsu.

Njengoko kungagalelwa yeza isinye-
nye sipholiswa ngokungcinawa somile.
Lento ifuna ukutshintfwa kwezichwe
futhi. Kulapho ke iintlungu zokwa-
luka zikhona. Zisekukhululeni nase

kubopheni.

s. 84. Kuntuku zokugala ezisibozo, abakhwetha batya ukutya okulukhuni, okuzinkobe zehasa ziphekwe zithambe. Amanze abawasele njengoko edala ~~ukentse~~ ukuchama futhi okubanga iintlungu kumkhwetha. Ka umkhwetha enxanawe usezwa amanzi adibene nomhlaba wendlu - udaka ke ngoko.

Ngosuku lwesibini balukile, oko kukuthu ukusa kwalemuni baluka, bayawanechwaba amajwabi abo elowo kundawo eyaziwa nguye ye dwa. Ulinchwaba ~~ng~~ ijwabi ngokuhlaba ngentonga emhlabeni, aze alinyanzele kulomnxhuma wentonga, adibe ngomhlaba ngaphuzulu.

Ngosuku lwesibini amakhwenkwe alukile agaba ukuso nesifuba neenyawo, nezitho ngentuku (umhlaba wentuku). Emva koko amakhankatha eza namatye engceke bangceke kwa ezondawo de khambe iintuku bangwungeke wonke umzimba ngaphandle kwe nwele.

Ngosuku lwesibozo umnini-suthwuya namadoda esuthwini ukuya ^{kojisa} ~~kuchama~~ amakhwenkwe. Uya ne gufa abaxhelele. Kwakuba kutijwe ~~lo~~ loo nyama abakhwetha bakhululekile ukuba banokhamba bengagobanga, banokuhlala phandle ke bathakamele ilanga njalo-njalo. Usuku lwesibozo luza nenkululeko

ezimuzi.

s. 84

Kwezentsuku zisibozo beke phe ke lwa ngumnini-suthu, oko kukuthu seyise wenkwen kwe ekuthiwa isuthu lelayo. Emva kuzentsuku ezisibozo wonke umzi one nkwenkwe esuthwini nemiyo eziqhlobo iyaphika. Kuba kuninzi ukutya ngangokokuba kuluhlwe. Liphayiya ukuba amakhwenkwe aphume etyebile. Iba yinkululeko eba-~~khwetha~~ khwetheni emva kweentsuku ezisibozo ukuba batye zonke iintlobo zokutya abaziphwayo.

Kwakamsinyane emva kokuba balukile abakhwetha benze lwa uthango, babolekwe imazi zenkomo ezisengwayo batye amazi. Ngezimini inkomo zingabileyo kwenziwa nje amaxhanti lungagqitywa nothango. Elisiko libafundisa ukuba njengamudoda mabafonge ekufuyeni inkomo.

Bakuphila abakhwetha bayatefa. Baya yijikeleza umzi becela inyama amaxefa ngamaxe fa. Abakhwetha batha ndawo ngangokuba kungabile ukuba bathi beyokucela bavinjwe. Bafike bahlale ngasebukhanti bathumele amakhwenkwana kumnini-mzi.

Amakhwenkwana awuzakuzelela lula lo mombi kuba apho baphiwa khona nawo ayahamba ukuya kutya inyama zamakhwenkwe ebakhwetheni.

Uthi usakusondela umhla wokwaphuma kwabakhwetha bichetywe

s. 84 iintloko ngemese kwakhona. Iba
 ngumhla omkhulu umhla wokuphuma
 kwabakhwetha. Aye amadoda aqokele
 lane. Aphatha izixhobo zawo zemfazwe,
 imikhonto, neentonga nemipu ukuba
 banayo. Loo mkhosi uya esuthwini apho
 ufike ukhuphe amakhwenkwe ehumba ze.
 Kuphuka azifiye iingubo zobukhwetha
 esuthwini nayo yonke into eyoyibukhwe-
 tha. Bayawaphuba bewangqongile kwale
 xa bengama uthile esizibeni abaza
 kuhlamba kuso babandulule abakhwe-
 tha ukuba bafiyane ngamendu. Indu-
 mo into yokuba umkhwetha abafiyiye
 abantu ngangokuba ethi indoda
 umkhwetha wakowayo thambe imbetha
 ukuba ufike kile ngenxa yobu yekhwela.
 Elisiko lisakhumbuzi iimfazwe nge-
 xefa amendu aye balulekile ukuzuzisa
 ixhoba xa kujokwa utshaba nokusindi-
 sa ubomi xa kusesatya empini.

Bakugqiba ukuhlamba abakhwetha
 bayaqutywa bengqongile ngumkhosi
 wamadoda uvuma iingoma zemfazwe.
 Amadodana ayadlala ngeentonga
 elingisana nangezikhali. Abanemipu
 benza izithonga ngemipu. Amanye
 amadodana aqokelela iinkomo eziku-
 fuphi apho, ziqutywe phambi kwalo-
 mkhosi. Kuluvuyo ngokungathi impi
 ibuyi inoloyiso emfazweni iqhuba
 ixhoba. Elisiko belatha into elindelwe
 kubo. Kulivalelwa ukuba baphume
 umkhosi beze beqhuba ixhoba. Nango-

na iimpuzwe sezaphela isiko lona
s. 84 lisahlali.

Kwaku fukwa esuthwini abakhwetha
bafike bachophe phambi kwalo. Amakha
nkatha eza namaf namafutha abatha-
mbise. Bambathiswa iingubo ezintfa ukuzo
kwakungqitywa banduluke ukusonga e-
khaya kulobomni-suthu. Igama labo
ngoku ngama-kywala.

Akuthi gwiqi amakwala ukubungela
umva esuthu, ikhankatha lilitfhisisa
ngomlilo ukuzo zitfhele apho iingubo
zobukhwetha nezinto ezinchohileyo
zobukhwetha.

Amakwala ngoku ngabantu abatfha.
Amagama matfha. Bawankwe ebukhwe-
theni ngamakhankatha. Awok ~~wabukhwe-~~
nkwe nemikhwa emdaka yamakhwe-
nkwe bawafiyi esuthwini. Euyaniawe-
ni bazelwe ngokutfha. Kumitangqolo
yamakhwenkwe kuphuma imibuna
iyama dodda oyika amahlazo.

Amakwala akufika ekhaya
afakwa ebuhlanti asokwe. Amadoda
ayaphakama ewanika amazwi ngo-
kwakhiwa kwemizi' nokugcinwa
kwemfuyo. Awapha iinkomo, imikhonto
nezinye izinto eziluncedo ekugaleni
umzi. Bayayalwa kakulu ngezinto amabaze
bazenze namabaze bangazenzi nyengama-
doda. Dimfeketho zobukhwenkwe baya
qondisiwa kakuhle ukuba bazifiye
esuthwini apho zitfhele khona. Ngoku
kulindelwe kubo izinto ezinkulu ezaku

bonisa ukuba voyise banonyana. Ame
 s. 84 khankatha nawo ngomsebenzi wawo avu-
 zwa ngokuthi aphiwe phakathi kolusoko.
 Isakela lisokwa ngenkomo ngumnini-
 suthu.

Kwakugqitywa ukusokwa amakwala
 ayaxhelelwa aye alaliswe endlwini
 yawo apho andlalwe iinkuko ezintja.
 Yonke into yabo kufuneka intja ukuse
 imilisele ezingqondweni zabo ukuba
 bangabantu abatsha. Ngezimini kwe-
 nziwa imigidi kuselwe utywala.

Kufuneka amakwala avuke kusasa
 linge kaphumi ilanga ayekuhlamba
 imizimba. Athu akubuyi ayithambise
 kwa amafutha. Inje njalo de kuphele
 ingeke oko kukuthi umzimba uthi
 usakugqitywa ukuhlanguwa ungapwebi.

Enza iintsoke ezimbalwa amakwala
 achithakale ukusonga ngamakhaya
 awo. Ryakhaphana ukusana kwama-
 wawo.

Uku-Thomba. — Eli lisiko eLe latha
 ukuba intombazana ingenile ekuntwini
 obudala babanti abangamankazana.

Ngexesha lakudala, ibisithi intombaza-
 na mhla yaqala ukulandela ixesha
 (first menstruation) kuthiwe "ingene" oko
 kukuthi ithombile.

Isiko ke ibe ileli. Abafazi bebethi
 intombazana isakugala ukuya exesha
 baxelele amadoda ukuba ingene.
 Amadoda ke abayalela ukuba buyi-
 ngenise. Loo mhla ke mgenzwayo

s. 84
 intombazana kufuneka iye kulala
 ngasese komzi xa litlhomayo. Abafa-
 zi baphuma bayokuyifuna bakuye nayo
 seke khala "yo! yo! yo! yo! ayitho-
 mbanga ithunukele." Bafke bayingenise
 endlwini bayqungqise oko mlfhakazi.
 Bayqinisa amadikazi asekhaya apha.
 Baphuma bajikeleze enkundleni be-
 ngqungqa. Ngoratya bayayeka baze
 kusasa bavukele kwakuloo mngqungqo.

Kuthi ke ngale mini umnini -
 ntombazana axhele umngena-ndlwini.
 Ibe iba yinkomo kudala kodwa ngoku
 abantu ngokuswela baxhela ibokhwe.
 Dintswelo zebange ukuba intombazana
 ingathonjiswa kanye ngaloo mini
 yaqala ukulandela ixefa. Ngoku
 ithomba nokuba sejivela emzini
 wayo ekwendeni. Kodwa intombazana
 yom-Thembu yonke iyathomba kuba
 ukuba ayithombanga kuthiwa iyaku-
 ba sisigulo loo nto.

Isakuxhelwa inkomo yomngena-
 ndlwini kuthathwa indawo ethile
 yojiwe iswe kuintombazana ethombi-
 leyo bengekayitya bonke abanye
 abantu. Intombazana le ithombileyo
 kuthiwa yi ntonjane. Kulandlu ihla-
 la kuyo kuthiwa kukwa ntonjane
 mhlawumbi eludweni.

Lenyama ke isiwa kwa ntonjane
 kuthiwa yeyokwefwamisa intonjane.
 Dliyeza ngokutyiwa kwayo yintonjane
 abanye abantu bengekatiyi nyama.

s. 84 Yakuba intonjane yefwamile, bouke aban-
nli bayajitya inyama.

Kwa ntonjane kwandlalwa ucha
eyomileyo ekuthiwa yi ukxopho. Kulapho
ulutsha, abafana, amakhwenkwe na-
mantombazana ab^utha khona. Ama-
ntombazana aya gwaba baxhentse
abafana nge xefa abafana ukuxhenta
ngalo. Bathi xa bengaxhentsi amakhe
n kwe atshotthe.

Kwakuhambiseka iintsuku umnini
ntonjane uphinda axhele enye
inkomo. Namhlanje kuthiwa nyayi
tshatela intombazana. Nakule inyama
kufuneka yefwanyiswe. Kuya kugoke-
lelwane yilali kutyiwe loo nyama.

Amakhosikazi enxibe izikhaka zee-
mfele zeenkomo aye angqungq
ngaloo mini. Muni ngesici akubho-
nithwa nkundla bangqungqa
kuyo kunyalonje abambathi kuloo
ungentla umzimba. Bahomba nge-
ntsimbi. Bakhuphisana ngokufane-
le ka kwizihombo abazinxibileyo.

Emva kokutshatela intombazana
kufika usuku lokuba iphume. Nga-
manye amaxefa iphinda ilandele
xefa okwesibini ingekaphumi. Kuthi-
wa "iphindele". Umnini ntonjane
uphinda axhele enye ibokhwe ekuthi-
wa ngumngena ndlwini kwakhona.

Njengoko elisiko lilizeza nakule
nyama kufuneka intonjane yefwane.
Ngamanye amaxefa iphindela

s. 84. intonjane ibe iseliphumile. Kupuneka
 abuye ingeniswe endlwini kuxhelwe
 umngena ndlwini kodwa kungabi-
 sabikho ziyunguma zinjengalaa-
 minin yokugala. Oku kwesibini
 ukungena endlwini ayikisahlala
 xefa lide.

Mhla yaphuma, kulphiswa laa
 nkxopho yaseludweni ukuze ama-
 dikazi ayikhathe igungxile oko
 mthakazi ayise kokwayo. Ifika
 kokwayo ithabathe i-emela (umphanda
 ngeemini zakudala) nye kukha amanzi.
 Ihlala usuku igungxile ibuyele ezi-
 nxibeni zobuntombazana ibe ke
 ngoko ilifezele isiko lokuthomba.

Isi-hewula — Ngexefa lakudala
 amantombazana ebe khangelwa ukuba
 azigeinile na engamantombazana aph^e
 leleyo. Ibe isithu ke intombazana ethe
 kanda iziye ke lele yaze yenziwa
 umfazi yindoda (^{ravished} deflowered) ibethwe
 ngabafazi ukuba imxele loo mntu uyo-
 nileyo. Yakumxela ke kupuneka
 abafazi bafinyezele phezulu bathabathe
 iintonga, bayiqhuba yona namantomba
 zina alomzi mhlawumbi emimelwane
 ehamba ze onke egalele uthuthu
 entloko, bayise kuloo mzi ihewulewe
 kuwo. Bahamba bengxola abafazi
 besukhwaza esisimilo sibi. Ngumbono
 ombi kunene ngangokuba ngezi minin
 zabelungu liyekiwe elisiko kundawo
 ezikufuphi needolophu.

s. 84 bathi bakufika ekubhanti bakulo. mfana utel uhewuleyo mhlawumbi ezinkomenu zakowabo bazikhethela eyona nkabi bakholwayo yayo. Bayiqhuba ngamandla bebetha wonke obuthintayo. Njengesiko elazewayo akumwa phambi kwabo. Izulumko zelixefa zeli-
tshithisile kuba zona ziyamangalela umntu ofumane azithathele ezimpahle ni zazo ngaphandle kokugwetyelwa ngumthetho wake-Lungu.

Bathi bakufika ekhaya nale nkabi bayixhele. bancedwa ngamadoda ukuyixhela. Itywa ngabafazi le nyama libe ke ityala lokuyona intombazana lihlawulwe.

Umtho lwe Ntombi - Intombazana isakumatha abazali bayo besa ityala. bapike bahlale ngasebuhlanti bathi besakubuzwa baxele ukuba bezise ityala. Lethi ukuba liyavunywa kuhlawulwe mhlawumbi kutsho kuse kuzekwa Okuhlawulo luxube nokuzeka kuthwa kukunyuka nengalo. Ukuba ngaka intombazana ayifunwa kuhlawulwa iinkomo zomithiso ezizi nkomo ezintlanu. Umntwana ovelileyo uba ugowendoda leyo imithisileyo. Dyamp-huthuma esakulunyulwa, eyakuthi ukuba imyeke wakhulela apho kulona inina imkhuphele isondlo mhlal imkhuthumayo sele mdala.

Ukuba umfana uyayikhanyela intombazana uyise wayo udlulela

5.84 komkhulu. Komkhulu kukhuthwa
umthunywa ekuthiwa ngu masla
ukuba ayokubizela usompama nomfa-
na wakhe etyaleni. Umntu omangale-
lwayo ngu sompama kuba kuthiwa itya-
lelo yise wompama ngalo lonke ixefa
ange kamkhuphi umzi wakhe emveni
kokuba egale wamzekela.

Kubizwa amangqina angabantu
ababeyazi into ephakathi kwale
ntombazana nompama. Kuphuka kukho
ubungqo ubungqina babantu abe ke
thunywa ngumpama ukuyakuyibize-
la edingeni intombazana. Inkundla
izanelisa ke ukuba nguwohina
obungqina mayibukholelwe ize igweke
elocala lingayanelisanga.

Xa ke ityala lithethwe komkhulu
ngokwesiko kuphuka enye inkomo
isale komkhulu ihlawule inkundla.
Ngoko eba Thenjini ngu Ndimangele
shlawula iindleko zenkundla.

Xa ingumfazi omithisiweyo isiko
likwa leli sendlilele ngaphandle
kokuba emfazini umntwana akabi
ngowo mithisi. Uba ngowendoda
yo mfazi. Intlawulo yona ikwa zi-
nkomo ezintlanu.

Uku gula — Eba Thenjini akathandi
umntu ukukwumela ukugula ngokuthi
akuva indawo ebuhlungu asele lalar.
Umntu nyaxomolozwa ezomeleza de asuke
alale kukoyiswa kukufa. Isizathu
sicothuba abathandi ukuba baziwe

s. 84 Ya umntu engaphelanga hleze amagqwi-
ya afumane ukuba lokuthumela eze-
nto zokuthakatha zawo ukuze amgq-
bele umguli.

Idini — Uthi umntu ukuba ulthiwe
chu kukufa aye egqiseni. Ukuba linu-
ke umntu (idla ngokuba ngumfazi) loo-
mntu abulawe ngezomini zokudala,
namhlanje uyagxolwa nje.

Ngamanye amaxesha, ngakumbi kukufa
asuke umguli achubeke abitye, egqisa
lihlaba idini. Lithi iminyanya
yekhaya (abantu ababubayo ke ngoko) ba-
yacele. Litho ke liyxele nenkomo
abayicelayo ngamanye amaxesha. Umntu
amaxesha liye ke la kubantu bekhaya
bajibonele.

Imilowo iyahlanganisana kuze kuxhe-
lwe inkomo yedini edla ngoku-
ba yinkabi yenkomo esulungeki byo.

Ithlatywa esiswini ukuze igxwale.
Ithi xa igxwalayo akhwaze athi — "Ca-
magu, camagu, makube hele makube
chosi." oko kukuthi — "taru taru, wanga
angaphila umguli.

Ithi ke isakuhlinzwa kusikwe
indawo yojiwe kuyokwe jwanjiswa
umguli. Nokuba ube sele tele umguli
uyazomeleza mhla engelwa idini
azame ukuphakama ngangokuba
omnye usuke asele chacha ukusela
mhla nge dini. Upheliswa lukholo
analo edininu apho.

Xa itywayo lenyama kuthi tyathwa

s. 84 inyameko enkulu ukuba amathambo
angalahlwa, angatywa zizinja. Ofuna
ukupha inja uyipha inyama ingelilo
ithambo. Ayagokelelwa lamathambo
atshiswe ebuhlanti ibe ke ngoko
iminyanya ijityile loo nyama
ngokusezela elo vuma lamathambo.

Ngangokuba aba Ihembu benenkolo
yokuba iminyanya iyakuya iphene
izinto kubo nokuba kuphalala into
enje ngamasi noba butywala akukhu-
zwa kuba kuthiwa buse lwa ngabantu
abakhulu (iminyanya ke ngoko). Amasi
abizelwa izinja. Utywala khe buyekwe
umyuzwana phambi kokuba butshaye-
lwe.

Umnchwabo — Kudala abantu be
bekoyika kakhulu ukufa, ngakumbi
ukufa sisifo. Ukufa emfazweni bebe-
ngakoyiki ngantó konke.

Ubethu umntu ukuba uyagula abe-
mnye imizi bangazi kumvelela
ngexa yokoyika ukusulelwa koko
kufa kumbambileyo.

Akububa ibaba ngumsebenzi wa-
bantu balonzi ukumfihla. Bekungekho
mihlakulo (spades). Ngoko babe funa
umnxhuma we benxa kungenjalo
ihodi, bamfaka kuwo babeke ama-
hlahla, ^{anumeva} ngaphozulu ukuthintela
izinja. Bekufuneka lowo unqiyena
usondeleyo kumfi asilinde isidumbu
side sibole. Ubehlala ke apho ngakuloo
mnxhuma emini yot yonke, eph^hthwa

ngabantu abambonayo ngenxa yobuki
 s. 84 homsebenzi wakhe. Abantu baloo nge-
 bebengayi phakathi kwabantu ezisu-
 sen de bakhuzwe zizihlobo nazi-
 nkosi yabo ukuze bakhululeke. Yyo-
 ke lento kubakho amazwi xa kukhu-
 zwayo athi - "Sithi phumani ehlathi-
 ni nihambe phakathi kwabantu."

Nangona kungasanchwatywa minxhu-
 nyeni yamahodi asathethwa la-
 mazwi xa kukhuzwa abantu.

Inkosi zona zazingaphoswa minxhu-
 nyeni yamahodi. Zazinchwatywa ezi-
 zibeni zemlambo. Bekuntywela
 umntu ayokusibophelela isidumbu
 elityeni ezantsi ~~ez~~ esizibeni. Nana-
 mhla abafazi bezizwe zabathembu
 ezimele umlambo abafinyezi xa be-
 wela emlanjeni ngenxa yokuhlomphe-
 ezonkosi zinchwatywe emlanjeni.

Namhla nyengoko kukho imihlakulo
 ne peki zokumba akusanchwatywa
 ngoluhlobo sendiluchazile. Umnini
 mzi unchwatywa ngasekuhlanti. Nga-
 sesangweni. Inko ke umlungu
 engekawubandazi umhlaba belile
 lokuba ukuhlanti kufuduse lwe
 ngaphambili kufyeke kuphela
 amaxhanti aphe ngasedlakem. La-
 maxhanti akanakubuye asetjenziswe
 nakuwuphina umsebenzi konke.

Nomntwana uyazi, uyafundiswa
 ukuba amaxhanti luchwaka maka-
 ngawaphathi asinto yakudlaliseka

kuyo. Kupuneka kungekanchwatywa
 s.84 akhuthwe umbona namazimba ase
 ziseleni ezukuthango oluzakufuduswa
 kuba ukuba akwenziwanga nfalo
 lombona useluthangweni olunedlaka
 akasa fanele kutjiwa konke.

Abanye abantu ke banchwatywa qelele nomzi.

Akububa umntu nokuba ngumntu
 mzi nokuba nguwuphu kubikelwa izihlo
 bo ne komkhulu. Amadoda ayagoke
 lelana ayo kumba idlaka. Limbiwa
 libenzulu, ukunzulu obugqithileyo
 esingeni. Bakufikelelwa ukunzulu
 obanelisayo kumbwa igumba emga-
 ntisi kwe locala ledlaka likude
 nekaya. Yenzelwa kuto ukuze sithi
 sise kubekwa isidumbu sibe noku
 jongiswa ekhaya kuba inkolelo
 yaba Thembu yeyokuba ukuba
 isidumbu asijonganga ekhaya, si-
 wusungele umva umzi, kuyakubar-
 kho amafwa kuloo mzi. Banenkolo
 yokuba nakuba efile umnyanya
 wakhe (spirit) uzakumana ulhamba-
 la ikhaya.

Isidumbu siya ke sipungutwe nga-
 madoda sambathiswe ngengubo yaso.
 Ithandelwe kuso. Isidumbu soluke-
 le tse, ingalo zithe nca kuso. Amehlo
~~nomlomo~~
~~nomlomo~~, avalelwe kuba abantu Thembu
 bathabulwa myameko enkulu ukumli-
 nda umntu ke kubaba ukuze bamvale
 amehlo nomlomo bamolule imelenze.

~~nono~~ neengalo esefufu. Abakuthandi
 s. 84 ukubona isidumbu esithe nta amehlo,
 sikhamise nemilomo. Sitjabaxaku uku-
 suncwaba esimlenze neengalo zigoge-
 neyo. Sifika isidumbu sengeniswe
 edlakeni sibekwe egumbini. Ubuso
 butyhelwa kancinane ukuba kuwele
 amehlo lawo esimele enjalo. Ubuso bu-
 khangeliswa ngase khaya. Iimpahla
 zomfi, izinxeko, iingawe njalo-njalo
 ziphoswa apho echwabeni kuba
 akukho mntu ucingayo ukusebenzi-
 sa into ebekwe yasetyenziswa ngu
 mfi. Igumbi livalwa ngamagade-
 ukuze umhlaba xa kuditywayo
 ungabinakumfikelela ~~umfifi~~ umfi.

Edlakeni akuzi bafazi ngaphandle
 konina kungenjalo umfazi kamfi.
 Aba bafike baphose umhlaba baha-
 mbe. Kufika ^{ye}amadoda ediba. Phambi
 kokuba badibe baqale baphose um-
 hlaba besithi - "Hamba mfu (ntombi)
 ka Nantsi siyakulandela." Kuyaditywa
 kugqitywe. Emva kokuba kugqitywe
 ukunchwatywa besuka bonke abantu
 bayokuhamba imizimba. Abangena-
 bo belookhaya abasayi hlamba imiz-
 mba basuke bahlambe izandla kwa-
 kuloo mzi bachithakale ukuya nga-
 makhaya abo. Bakubuya emlanze-
 ni bafika bachebe inkqayi bonke.
 Sisigabelo sezila ke esi. Ukuba umfi
 lo ubenendlu yakhe yatfhiswa
 kuba akukho mntu ufuna ukusebe-

nzisa izinto zika mfi.

s. 8H - Ukhuzo - Zisuka ke izihlobo zina-
ne zifika ukuya kukhuzo. Zithetha
amazwi okubomeleza abantu abafiqwe
ngumfi. Zibakhumbuzo ukuba okubli-
leyo bekuse kukhe kwehla ngaphamb-
li. Ngumthetho wemvelo ka mvelo ma-
banqalili bahlolise igazi benzakalise
eyabo impilo. Mabaphume ehlathini
bahambe phakathi kwabantu benge-
nantloni. Lamazwi aphendulwa ngemi-
bulelo zixhelelwe izihlobo ukuze zing-
tye nobubi kuba aziphathi kutya
zingayanga kubeka ilitye enchwakeni.
Zakubuya enchwakeni zihlamba
izandla zingeka ngem endlwini
ukuze zingangenisi ukufa ekhaya.
Kufuneka ke izandla zabo zingahla-
njwa ngamanzi kuphela kufuneka
zixhelelwe into ekuthiwa yeyokubla-
mba izandla. Iba yigufa nokuba
yibokhwe. Emveni kokukhuzwa
abantu bekhaya elibujelweyo baba
nako ukuhamba izisusa njenga-
bantwana bonke. Xa bengakakhuzwa
bahlala ngekheya kuba base
phantsi kwe zila.

Izila - Emveni kwe thuba, se zixolile
iintlizyo zabantu bonke, kuxhelwa
inkomo yokuzilela umfi. Inyama
yale nkomo ayiphathwa ip emizini
kuba yeyokufa, banqaba ngoko besa
ukufa emizini yabo. Ityelwa apho,
kezanywe ukuba igqitywe loo-mini.

Ukuba iboyisile ngobuningi nangena
 s. 84 yokutyeba kusa berukela kuyo ukuba
 bayigqibe. Mhla ke kwenziwa elizila
 lenkomo kumhlaba laba ke izila ligqi-
 tyiwe. Emva kwalo umfazi nokuba
 ngaba ebesaxwebisile nyakhulubeka
 ukuba aqabe imbola.

Ukuxhelelwa kweendwendwe. — Kwakufika
 undwendwe olufanele ukuxhelelwa,
 umnini khaya uza negufa nokubo
 yibokhwe kuloo ndlu alungenise kuyo
 undwendwe olo. Segufa ikrotjiswa
 emnyango ukuze umnini khaya alula-
 ndulele undwendwe ukuba luyakulala
 ngendlala. Selefumane ethi malulale
 lusele amanzi ngelitakanana. Luya
 bulela undwendwe luvakalise ukuba
 lona belungalindelanga okungaka xa
 beluhambela kumhlobo walo. Emva
 koko luyibathela emandleni alo
 igufa luyixhele. Abase khaya apha
 ngoku abasenanto yokwenza kunya-
 ma yalegufa. Bayaphiwa zindwendwe
 ezo bengenakubanga nto. Baphiwa
 umbeluni nomkhoro mhlawumbe
 umbenze. Bayiphiswa iluhlaza leyo
 kanti ke ngalo lonke ixefa ezophu-
 leyo iindwendwe (kuba ziyaziphelela)
 ziyawabela umkhaya. Isikhumba
 zimka naso iindwendwe. Siba seso
 mhlinsi.

Imfazwe. — Ngexefa lemfazwe
 amadoda akalale ezindawini zawo
 kwaye kuphuka engadibananga

namankazana. Kuthiwa indoda

s. 84 eyenzinjalo iyathamba ibulawe
emfazweni. Kanjalo szisa ulfwa kuloo-
nkosi ikuwo. Ka amadoda efunze-
le edabini abafazi bahambela ngama
bafinyezele phezu. Ku funeka baluha-
mbele ze utkhaba ukuze lungabinama-
ndla; amadoda abo abenokoyisa.

Ka kufika indaba zokufa emfazweni
kwamadoda ku funeka abafel^{we}yo
bungalili. Isiko lithu akulilwa uku-
ze ingozi eyenzekileyo ingaphindi.

Amazula abe melwe kukwenziwa akenzi-
wa de emfazwe idlule. Ithu ke isa
kudlula enziwe.

Isiphemba (Plague). Ka kukho imbalela
kuywa kugqisa lemoula. Kuthiwa
kudala inkosi ibuye ikhuphe inqina
kuyokuzingelwa. Bekungenaekwa ukuba
ka kwenjiwenjalo yakuna. Kungenja-
lo bekuphunywa kuyokugawulwa
emahlathini amahlahla aluhlaza.
Aba Thembu basakholelwa nangoku
ukuba amahlahla aluhlaza eza ne-
moula. Ngexefa lasehlotyeni abathandi
ukuba abantu bagawule kuba bathi
bonto yakuzisa izichotho.

Ukuthintelwa kwamatye (isichotho)
kwenziwa ngamayqisa. Aye aqokele-
abantu entabeni kuthwe kuyabethe-
lelwa. Loo mini akafuni mntu
emasimini. Akugqiba ukumbela
amayeza okunqanda isichotho,
emisa imithetho emayithotyelwe

ngabantu ukuzo singabikho isichotho.

4. Si. Kupuneka abantu bangathwali

amahlamvu, mahlala aluhlaza ngakumbi phakathi kwamasimi.

Kupuneka xa kuthe kwakho isitphi esingmitakela yamatyana kungahlakulwa ngaphandle kwamalibini.

Xa kubube umntu mhlawumbi kuzelwa umntwana kwakhona akuhlakulwa nangona ke eli isiko lingelilo elokunganda amatye.

Xa amasimi etshatyalaliwa, zinkumba mhlambini entlaba kuywa kugoxa lezonto. Eli libanika abantu iyezo lokusichithachitha eso siphemba. Eliyeza ligalelwa ngamantombazana emasimini. Kupuneka amantombazana ahamba ze. ahamba ekrozi phakathi kwamasimi evuma iingoma esisikhalo ngokuba amasimi ephelile. Kuthiwa ukubizwa kwawo zingqoqho. Lento ayenzayo kuthiwa yingqoqho. Akafuni bantu xa esenza ingqoqho. Ayababetha bonke abahamba emasimini kwaye ngokomthetho wesiko akukho mntu maka baphazamise emsebenzini wabo wokusindisa izizwe ngokusindisa izilimo zaso. Ahlala kumzi omnye de iye kwe ingqoqho. Yonke imini eji ke leza amasimi lawo anyanga kuwo abuye ngokutya kuphela, nangokuza kulala kuba kulwile.

Izindlu - Ubukhulu babo

s. 84

Faze nelifa

Isiko lokuzeka abafazi abaninzi kucaca ukuba lagala eba thenjini ukulawulwa ngokwesiko kuba libizwa ngabo; kuthiwa sisi Thembu. Lihamba ngoluhlobo: -

Kukho umfazi ozekelwa indawo yokuba ngumfazi omkhulu. Umfazi omkhulu we Nkosi ulotyolwa sisizwe abe kwe mhla azokwendiswa. Isiko le lokuba indawo yobukhulu komfazi negama akuthiywayo emzini wakhe zixelelwa ezonto abo banti bazokumendisa.

Kubakho umfazi wase kunene. Umfazi unobukhulu obusondeleyo kowendlu enkulu nangona kodwa engeneno kuye- ekudlweni ilifa lendoda. Izinto zondla ezisetjenzwa, zezuzwe yindoda lile fa lendlu enkulu ngaphandle kokuba zibe ziphawwe ukunene cacileyo. Ngegama oonyana busetkunene bayalingana na bendlu enkulu nge wonga kanti entlalweni siphawula ukuba bazizininawe zendlu enkulu.

Kwezizindlu zimbini yileyo ukuba inenkomo inako ukwinqa ukuba indoda izike omnye mhlawumbi abanye abafazi ababizwa ngokuba ngamaqadi alondlu bazekwe ngenkomo zayo.

Ukuba umfazi akazali indoda inako ukuzeka umfazi ekuthiwa sisisa. Salowo ungazaliyo amalungelo aloo mfazi aba ngalowo kanye alunge naloo mfazi asisisa sakhe.


Ngumanye amaxefa akuzekwa kusike
kuthathwe unyana wendlu encinci

(iqadi) mhlawumbi wenkazana azo
kwenziwa umntwana womfazi orga-
zaliyo. Lo mntwana ukuba wenzelwe
imbizo ye milowo wawakahewa ngoku-
sesikweni ukuba wenzwa umntwa-
na womfazi lowo ungazaliyo, usuka
emafu apane kanye nomntwana
oyinkwenkwe obengazalwa nguloo-
mfazi ungazaliyo.

Zintombi kwakunye nabantwana
ezibazalela ekhaya mhlawumbi emizi-
ni yazo azipakutya lifa kowazo. Zilili-
fa ngokwazo. Unyana ozelwe yintomba-
zana engatshatanga akanakulitya ilifa
lodadewako ozelwe kwangololuhlobo
kuba bonke abantwana abazalelwa
ekhaya balilifa lalondlu unina.

ayizo. Indlu ethe ukuze ibekho yaze-
kwa ngenkomo zenye izibuyisa nge-
khazi lentombi yokugala yaloo ndlu.
Izindlu zom Thembu zima ngoluhlobo:-

Indoda.



Amagadi endlu nganye angama ningu
ngangoko indlu leyo iwazekayo iwafuna
mazo menkomo. Uku kho sithintelo
kuzekeni Iqadi- iqadi ukuba ugaba
iqadi elo lizeke iqadi linazo iinkomo.

Amasiko amalunga

s. SA

- no kutya -

1. Xa kusophulwa ukutya kuqale kuphakelwa ichukuzana lokutya kwesabantwana na isitya kwandule ukuphakelwa esamadoda nezabanye abantu. Eli chukuzana lokutya kuthiwa lihlina lokuzamisa laye libanga uvubukulo xa amadoda ebaleka kusiliwa. Uvubukulo yinto ethi khuphu kabuhlungu esiswini ibange kubenzima ukuphefumla nokufukuma. Umntu ofunyenwe uvubukulo uba sisichenge sokwenza kala xa ase ngozini nje ngase mpini.
2. Ukutya kwamadoda nokwamakhwenkwe akwanekwa kuba othi xa kuliwayo anekeke ukubaleka.
3. Amadoda namakhwenkwe akayityi imifuno. Kukutya kwabafazi.
4. Yakuzala inkomo umthubi utywa ngamakhwenkwe. Inkwenkwe eqalayo ayitya emthubini kuthiwa yiyo etyele ithole. Ukuba lithe lajala kuye kuhlekwe kuthiwe lifuze yonajapala.
5. Xa kuthiwa ubisi eselweni ingwebu (milk froth) inikwa amantombazana ase lula. Amakhwenkwe wona anyu inkomo ezimathole madala xa sezikhazengwa.
6. Mlutha, amakhwenkwe nama-ntombazana alukutyi ukutya kokwindla lunga chilanga. Mhla

D

s. 84 bazakuchila bayaqokelelana emzini,
 kuphekwe ukutya okutha. Kuthi kwa-
 kuvulhwa umuntu ngamnye akhe ukutya
 afake emlonyeni agalele into ekuthwa
 yi ntsizi aze lomthamo engakhange
 awukhlapune, engawuginyanga awukh-
 phe ngesithonga somlomo esithi "phw".
 Uba ke uligqibile isiko lokuchila.
 Emveni koko nyakukutya ukutya oku-
 thha nokuba ukupumana phina.

7. Into ebethwe ngumbane ayityiwa
 eba Thenjini. Dyanchwatywa ukuze
 abantu baloo mzi uhlelwe leloo lifwa
 banyangwe ligqisa elikwazi uku-
 nyanga umbane. Kuthi ukuba
 umbane ubethe emasimini ingavu-
 nwa loo ndawo ubethe kuyo Umabo-
 na waloo ntsimi kufuneka enga-
 fakwanga esiseleni kuba ingaba
 ngokwenjenjalo umntu umbela izulu
 emzini wakhe. Abantu abaninazi
 badla ngokuba nemilimandlela eligela
 emasimini abo ukuze lithi izulu
 ukuba libethe kwesinye isigendu
 ibe ngumbona weso sigendu sand
 sodwa ongayi kufakwa esiseleni.
 Babenako ukumfaka omnye esi-
 seleni.

8. Umbane ukhangelwe eba Thenjini
 ngokuba yintaka yokuthakatha yama
 gqwisa ngoko amagqisa ungapika
 ebetha ngentonga mhlawumbi ehlaba
 ngomkhohlo kusakuthi lanyama umbane.

End 84